# DEPARTMENT OF EDUCATION

education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# ULWIMI, ULWAZI LOKUFUNDA NOKUBHALA NONXIBELELWANO

## (ISIXHOSA ULWIMI OLONGEZELELWEYO)
## IMISEBENZI YOVAVANYO EFANAYO (CTA)
## IBANGA 9
## 2005

## INCWADI YOMSEBENZI YOMFUNDI

Ixesha: 4 IIYURE

✓ Amanqaku: 100

Amaphepha: 17

**INTSHAYELELO**

Amanqaku ewonke eCTA aya kuba ngama- 25% aze amanqaku ovavanyo oluqhubeka apha enyakeni abe ngama- 75%.

Le CTA inemisebenzi eziintlobo ngeentlobo efana nokuthethwayo, okufundwayo, okubhalwayo, okuyilwayo nokubonwayo, encedana nawe ekuboniseni ulwazi lwakho kulwimi lwenkobe.

**ULWABIWO LWAMANQAKU : 100**

**ULWABIWO LWEXESHA : 4 IIYURE**

**UGQALISO**: **Ingaba indlela othetha ngayo iyabudala na** ubunye nabanye abantu?

**IZIHLOKWANA:**

- Iindlela zonxibelelwano eziphuhlisa ukufikeleleka nentlonipho.
- Ukuthetha ngokuchubekileyo nangembeko.
- Ukubandakanyeka, nokukwazi ukuthetha ngezandla.
- Ukwazi ukuphila nabanye abantu.

**MITHANDATHU IMISEBENZI ENGUNDOQO:**

***Umsebenzi 1*** ***:*** Ukubeka emxholweni : 30 imizuzu, 00 amanqaku

***Umsebenzi 2*** ***:*** Uphendulo lwemibuzo kwisicatshulwa: 30 imizuzu, 20 amanqaku

***Umsebenzi 3*** ***:*** Intetho: 60 imizuzu, 20 amanqaku

***Umsebenzi 4*** ***:*** Uphando olungenzulu: 60 imizuzu, 20 amanqaku

***Umsebenzi 5*** ***:*** Ubhalo lobugcisa : 30 imizuzu, 20 amanqaku

***Umsebenzi 6*** ***:*** Ubhalo oluphuhlisa injongo ethile: 30 imizuzu, 20 amanqaku

**Yonwabele le misebenzi!!!**

UMSEBENZI 1

## UKUBEKA EMXHOLWENI

30 Imizuzu

00 Amanqaku

### UMSETYENZANA 1.1: UKUPHENDULWA KWESICATSHULWA

30 Imizuzu

00 Amanqaku

UZwaai uhlangana nomhlobo wakhe uPhira, ebenedinga lokuya kwi-“movie” naye.

**ZWAAI**

Mpintshi yam! Sorry maan ngobulate. Ndimoshwe li Timer sorry, alivumi ndihambe ngokungathi andingqondanga ndiselolwa sana lakudala apho ndibona ukuba sawude sixabane. Mna ke ndinguphila kuzenzela andinanto ikomnye umntu yaye andinangxaki, ndiyaziphilela. Umama ke yena khange ndimhoye nokumhoya kuba ehleli engeva nokuva ezindlebeni yaye andinaxesha lakuthetha ngezandla mna. Ngapha koko ndinelungelo lokwenza nayiphi na into endiyithandayo.

**PHIRA**

Uyabona ke Tshomam uyaziqhatha ke ngoku. Le asiyiyo ndlela yokuthetha ingakumbi kumntu omdala. Xa ebesithi sala, ebenezizathu. Okwakho ibikukwala ukuqonda isizathu eso ucele, uzithobe, nivisisane. Le yokuziphilela, ngamampunge. Endikwaziyo mna kukuba umntu ngumntu ngabantu. Nokuba udla amaqhosha eebhatyi zakho hlonipha mfo. Ingomso awulazi , enye into

ntanga akudlalwa ngabantu abanengxaki kumalungu omzimba kuba nabo banamalungelo.

Kule ncoko ingentla ungathi aba babini bangabantwana abanjani ngokwesimo?
Ingaba ulwimi olusetyenziswe nguZwaai lubonisa imbeko, uthando nokufikeleleka? Nika isizathu sempendulo yakho?
Wena, ubunokunqwenela ukuba nguwuphi kwaba babini? Ngoba?
Uthini uMgaqo-siseko woMzantsi Afrika malunga nabantu abanengxaki kumalungu omzimba.

**UMSETYENZANA 1.2: INGXOXO YEKLASI EKHOKELWA NGUTITSALA**

**30 Imizuzu**

**00 Amanqaku**

Xoxani ngamalungelo abantu abakhubazekileyo nayame kule ncoko kaZwaai noPhira.

**UMSEBENZI 2**

**UKUPHENDULWA KWEMIBUZO YESICATSHULWA**

**60 Imizuzu**

**✓ 20 Amanqaku**

Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo wakugqiba:

**UMSETYENZANA 2.1: UFUNDO LWESIQENDWANA NENGXOXO YEKLASI**

**20 Imizuzu**

**✓ 00 Amanqaku**

**Niyiklasi fundani isiqendwana esilandelayo nize nixoxe ngentsingiselo ebonakaliswa siso ukuze nikwazi ukuphendula imibuzo elandelayo.**

UBusi noZinzi ngabahlobo abakhulu abafunda kwisikolo iBonanza J.S.S. apho kuxube zonke iintlanga. Ngalo mhla sibabona becambalele phantsi komthi womngcunube begwadla inyewe etshisayo bhe, ngokwezabo iimbono. Besekuloo ncoko gqi uSusan, intombazana yebala isiza kubo ngeenjongo zokuncokola nabo. Eli qhajazana lifike selincumile ligqagqanisa ngelithi, “Hi, guys, may I join you? Ucinga ukuba ukho okhe wamhoya! Endaweni yoko usuke uBusi wancumela ecaleni, wasebeza esithi,  “Uzokwenzani na lo apha? Besizazincokolela kamnandi ngolwimi lwethu, ngoku ulindele ukuba sibe sijika ulwimi sikhumsha? Usuke watsho ngesiqhazolo sentsini uZinzi ngendlela emenze waziva enyele uSusan, ecacelwe gca yinto yokokuba akamkelekanga kwesi sibini. Ukhe wathi makanyamezele, intoni? Uthethe yedwa suka iintombi zajongisa umetyiso ezantsi kwaye zingazimiselanga nasekuyekeni ukuthetha ulwimi lwazo kwamcacela ukuba akamkelwanga.

**UMSETYENZANA 2.2: UMSEBENZI WOMFUNDI NGAMNYE**

**40 Imizuzu**

**20 Amanqaku**

**Funda kwakhona esi sicatshulwa siku 2.1 uze uphendule imibuzo elandelayo.**

1. Bhala phantsi amagama abantu abandakanyiweyo kwesi siqendwana. (1)
2. Unxibelelwano phakathi kukaZinzi noBusi lubonisa oluphi ulwalamano? Zathuza (3)
3. Intsini kaZinzi ibonakalisa ntoni ngokubhekisele kuSusan? Zathuza (3)
4. Esi sikolo iBonanza luhlobo luni lwesikolo? (1)
5. Indlela athetha ngayo uBusi imtolika njengomntu onjani? (2)
6. Nika izifanokuthi zala magama alandelayo:

- Begwadla
- Ngesiqhazolo (2)

7. Nika zibe zibini izifanekisozwi ezivelayo kwesi siqendwana. (2)
8. Caphula kwisicatshulwa ubonise intetho exela ukuba uSusan akamkelekanga? (2)
9. Uzive njani uSusan kule meko? Nika isizathu sempendulo yakho. (4)

3

**INTETHO**

90 Imizuzu

✓ 20 Amanqaku

**UMSETYENZANA 3.1: UMDLALO WEKLASI**

30 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

**USusan uye waya kumangala kwinqununu yesikolo ngendlela azive ngayo nathe waphathwa ngayo nguBusi noZinzi. Xoxani ngokwamaqela phantsi kwale ngongoma ilandelayo:**

- Intetho phakathi koSusan nenqununu yesikolo emangalela indlela aphethwe ngayo nguBusi noZinzi.
- Ingxoxo phakathi kwabamangalelwa, Susan nenqununu.

**UMSETYENZANA 3.2: INGXELO NGOKWAMAQELA**

60 Imizuzu

20 Amanqaku

**IZIPHUMO EZIQONDILEYO KUNYE NENDLELA YOKUHLOLA**

**SO 1:** Ukuzama nokwenza intetho evakalayo

**SO 2:** Ukubonisa ulwazi olunzulu ngokusetyenziswa kolwimi

**SO 5:** Ulwazi lokusebenzisa izakhiwo zolwimi neendlela abantu balo abathi bazisebenzise zixhomekeke kwisiqhelo hayi kwimigaqo

Amaqela enza umdlalo ngabane malunga nengxoxo ebikumsetyenzana 3.1.

UMSEBENZI 4

## UPHANDO OLUNGENZULU

70 Imizuzu

20 Amanqaku

### UKULUNGISWA KWE-ALFABHETHI

70 Imizuzu

20 Amanqaku

**IZIPHUMO EZIQONDILEYO KUNYE NENDLELA YOKUHLOLA**

**SO1 :** Ukuzamana nentsingiselo

**SO 4:** Ukufumana ulwazi, uluphendla-phendle uze ulusebenzise uluthatha kwimeko nemithombo ngemithombo yolwazi.

**SO 7:** Ukusebenzisa iindlela zonxibelelwano ezifanelekileyo ukulungiselela iinjongo neemeko ezithile

Unikwe i-alfabhethi yezandla engabekwanga ngolandelelwano olululo, yilungise ubonise olu landelelwano ngokusebenzisa amanani uqala ku – 1 ukuya ku – 26.

Umzekelo:

**A=l, C=3**, **E=5**, **Z=26**

Uyinikiwe itshathi eneempendulo

**UMSEBENZI 5**

## UBHALO OLUYILIWEYO

80 Imizuzu

20 Amanqaku

### UMSETYENZANA 5.1: UFUNDO LWESIQENDWANA OLULANDELWA YIMIBUZO


40 Imizuzu

10 Amanqaku

Kwisikolo iBonanza uBusi ube engumhlabeli njengoko ebenesiphiwo sokucula. Ubewuhlabela kakuhle ke umhobe wesizwe. Lo mhobe wesizwe waqala ukuculwa ngomhla we – 08 January 1912, kwinkomfa eyayise Bloemfontein. Emva koko ubhalwe ngokusesikweni wahlonyelwa kwincwadi kaMqhayi. Umqambi wawo ngu Enoch Sontonga, uMawawa. Emva kwenkululeko yoMzantsi Afrika uye wahlonyelwa ukulungiselela ubandakanyeko (inclusivity) nomanyano (unity) nezinye iintlanga neelwimi.

Nangu ke umhobe. Wuqwalasele uwuphonononge ukuze uphendule imibuzo elandelayo.

**U-ENOCK SONTONGA NOMHOBE WESIZWE**



Nkosi sikelel'iAfrika
Maluphakanyisw'uphondo lwayo,
Yizwa imithandazo yethu,
Nkosi sikelela, thina lusapho lwayo.

Morena boloka setjhaba sa heso,
O fedise dintwa le matshwenyeho,
O se boloke, O se boloke setjhaba sa heso,
Setjhaba sa South Afrika – South Afrika.

Uit die blou van onse hemel,
Uit die diepte van ons see,
Oor ons ewige gebeurtes,
Waar die kranse antwoord gee,

Sounds the call to come together,
And united we shall stand,
Let us live and strive for freedom,
In South Africa our land

**IMIBUZO**

1. Ngubani umqambi womhobe wesizwe? (1)
2. Waqala nini ukuculwa? Phi? (2)
3. Khupha iziqwengana ezibonisa ubunye kwimiqolo yesiNgesi (2)
4. UMzantsi Afrika uyifumene nini inkululeko? (2)
5.Yayingubani isiduko sika-E. Sontonga. (1)
6. Sinakho ukunxibelelana nangengoma ukudlulisa umyalezo othile.
   Myalezo mni oqulathwe ngulo mbongo? (2)

**UMSETYENZANA 5.2: UYILO LWENGOMA NGUMFUNDI NGAMNYE**

40 Imizuzu

10 Amanqaku

**IZIPHUMO EZIQONDILEYO KUNYE NENDLELA YOKUHLOLA**

**SO 1:** Ukuzama ukuqondana nentsingiselo

**SO 5:** Ukuqonda ukuma kwegrama (amagama, izivakalisi) nemigaqo yokubhala yolwimi lwabo basebenzisa ezo zinto kuloo msebenzi bawunikiweyo

**SO 6:** Ukukwazi ukufunda izifundo zabo ngolwimi lwabo.

**SO 7:** Ukukwazi ukusebenzisa amacebo afanele iinjongo ezithile neemeko ezahlukeneyo/ ezingafaniyo

Qamba ingoma eya kubonakalisa omnye wale miyalezo ilandelayo:

- Ubunye / umanyano
- Uthando

## UMSEBENZI 6 UBHALO OLUPHUHLISA INJONGO ETHILE

60 Imizuzu

✓ 20 Amanqaku

### UMSETYENZANA 6.1: INGXOXO YEKLASI EKHOKELWA NGUTITSALA

20 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

Utitshala uza kunikhokela kwingxoxo yezibhengezo zezaziso (posters). Xoxani ngezibhengezo nize nibethelele kwezi ngongoma zilandelayo:

- Indlela olubhalwa ngayo nemifanekiso ekhoyo kulo.
- Injongo yokubhalwa kwalo.
- Abantu ababhalelwayo.

### UMSETYENZANA 6.2: UKUSEBENZA NGAMAQELA

20 Imizuzu

✓ 00 Amanqaku

Nisebenza ngokwamaqela, yenzani amaxwebhu ezaziso adlulisa umyalezo nolwazi, nisebenzisa isikhokelo ebenisifumene kutitshala. Xhomani amaxwebhu ezaziso eniwenzileyo eludongeni, nijikeleze nijonga nawabanye.

## UMSETYENZANA 6.3: UMSEBENZI WOMFUNDI NGAMNYE: UKWENZA UXWEBHU LWESAZISO

20 Imizuzu

✓ 20 Amanqaku

**Lo msebenzi ujoliswe kwezi nqobo zokugweba zilandelayo:**

**SO 1:** Ukwenza uze uthetha-thethane / uxoxe ngokuqondakala kwentsingiselo**.**
**SO 5:** Ukuziqonda, uzazi uze ukwazi ukusebenzisa ngokusemxholweni iindlela zokwakheka nokujika-jika kolwimi
**SO 7:** Ukusebenzisa iindlela ezifanelekileyo zonxibelelwano ngokweenjongo neemeko ezifanelekileyo (ezizifaneleyo)

Yenza uxwebhu lwesaziso oludlulisa umyalezo wokukhathalelwa kwamalungelo abantwana nawabantu abanengxaki kumalungu athile omzimba. Olu xwebhu malwenziwe lugqame ngemifanekiso enxulumene nokuthethwayo apha, umyalezo mawube mfutshane kodwa ucace.

**Ezi ngongoma zilandelayo mazicace ukuphuhlisa umyalezo okuxwebhu lwesazisi sakho:**

- Indlela olubhalwa ngayo nemifanekiso ekhoyo kulo.
- Injongo yokubhalwa kwalo.
- Abantu ababhalelwayo.